



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2015

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P3**

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha asi – 6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | |
|-----------------------------------|---------------|
| ICANDELO A: Izincoko | (50 amanqaku) |
| ICANDELO B: Imihlathi emide | (30 amanqaku) |
| ICANDELO C: Imihlathi emifutshane | (20 amanqaku) |
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo ungenise nalo uyilo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinane kwiCANDELO A. Imizuzu engama-shumi amane kwiCANDELO B nemizuzu engama-30 kwiCANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
11. UBUDE BEEMPENDULO:

| |
|--|
| ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-230 – 260 amagama. |
| ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80–100 |
| ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-shumi 60–80 [umxholo kuphela] |

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-230-260. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuyila.

- 1.1 Indlela endilibona ngayo ikamva loMzantsi Afrika. **[50]**
- 1.2 Iingcinga. **[50]**
- 1.3 Ingaba kulungile na ukuba abaqhubi baqhube besebenzisa iiselula-fowuni? **[50]**
- 1.4 Izinto esinokuzenza ukuze sizithembe. **[50]**
- 1.5 Kuthi ukuze kulunge ubuhle buhambe nengqondo. **[50]**
- 1.6 Ukuba iimini ezimnandi bezifakwa epokothweni ngendiyikhupha ngoku loo mini endingenakuyilibala. **[50]**
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho. **[50]**



[Ithathwe kwifoto zomvi.]



[Ithathwe kwiDrum magazini; 9 January 2014; iphepha 75]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhala ileta uyibhalele umhlobo wakho ofumene iinkcukacha zakhe kufacebook. Lo mhlobo wamgqibela ukumbona ngexesha nanifunda kwisikolo samabanga asezantsi/aphantsi.

[30]**2.2 IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yommelwane wakho othe wanishiya.

[30]**2.3 INGXOXO**

Bhala ingxoxo ephakathi kwabahlali ababini bexoxa ngendlela emakunxitywe ngayo ngamalungu ePalamente.

[30]**2.4 IMEMORANDAM**

Bhala iMemorandam eya kwinqununu yesikolo sakho malunga neziphumo zentlanganiso ebe niyibambile ningabafundi ebingo- mba wokutshintshwa kwezinto ezithile kwimpahla yesikolo senu(iyunifom).

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: IMIHLATHI EMIFUTSHANE**UMBUZO 3****3.1 ISIMEMO**

Bhala isimemo somtshato kasisi wakho. [20]

3.2 IPOSIKHADI

Bhalela umalume wakho iposikhadi umnqwenelele uhambo oluhle njengoko esiya eMauritius. [20]

3.3 UMYALELO

Bhalela umhlobo wakho umyalelo wokwenza isibhengezo-ntengiso. [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100